
Usapho lwam liqhayiya kum.

La ngamalungu osapho lwam. UMama noTata banomzi olikhaya lethu. Sibathathu ekhaya. UBhuti wam omdala ngumkhuluwa wam. Emva kwakhe kulandela uSisi wam. Igqibelo lasekhaya ndim, untondo wabazali bam.





UMama wethu unabazali bakhe ababini. BanguTatomkhulu noMakhulu kuthi. Bona banabantwana abahlanu. Intombi yabo yokuqala sithi nguMakazi omkhulu xa simbiza.

Emva kwakhe kulandela ooMalume ababini abolekelanayo. Emva kwabo kuza uMama wethu. Untondo wakuloMama nguMakazi wethu omncinci. Abantwana booMakazi sithi ngookanina logama abooMalume ingabazala kuthi. Oonkosikazi booMalume sithi ngooMalumekazi.





UTata naye unabakhe abazali ababini. Nabo banguTatomkhulu noMakhulu. Bona banabantwana abane. Intombi yabo yokuqala, umafungwashe nguDadobawo wethu. Yena wolekelwa nguTata wethu.

UTata yena uziwa ngabantakwabo abini. Bona sithi xa sibabiza ngooTat'omncinci. Ukuba bebebadala kuye besizakubabiza ngokuba ngooBawokazi.

Amakhosikazi abo sithi ngooMalumekazi xa sibabiza. Ukuba bebengamakhosikazi ooBawokazi besizakuthi M'omkhulu nokuba bancinci ngeminyaka kuMama wethu. Abantwana babo bonke ngabazala bethu.

Silusapho oluncinci xa sisodwa kodwa xa sidibene siphelele sisonke ezilalini, apho basuka khona abazali bethu, siba baninzi. Sigcwalisa amakhaya omabini.



Lo ngumhlobo wam.

Bohlukile kolwam usapho bona bambalwa. Unabazali ababini noDadobawo omnye kuphela.

Ngawaphi amalungu osapho lwakho?